Ngokuba Luluphi Na Uhlanga Olukhulu?

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki: *Dut. 4:1–9, Mat. 15:1–9, Num. 25:1–15, 1 Kor. 10:13, Dut. 4:32–35, Mat. 5:13–16.*

Indima Yenkumbulo: **“ ‘Luluphi na uhlanga olukhulu olunemimiselo namasiko anobulungisa, njengalo myalelo wonke ndiwubekayo phambi kwenu namhla?’ ”** *(Duteronomi 4:8)***.**

Izahluko ezithathu zokuqala zeDuteronomi ikakhulu yayisisifundo sembali, esikhumbuza abantu ngoko bathubeleze kuko kude kube lapha. Xa sifika kwisisahluko sesine, isifundo sembali siguquka ngakumbi sibe kwimo yentshumayelo. Ukukhankanywa kweziganeko kwakungekokumenyezelisa nje imbali; ndaweni yoko, kwakunenjongo, ukubabonisa amandla nobabalo lukaThixo lusebenza phakathi kwabantu, kwaye nangona babebhatyazile, uYehova wayezakuwufezekisa umnqophiso waKhe kunye nabo.

Isahluko sesine siqala ngegama lesiHebhere (isihlanganisi nesihlomelo), *we‘attah*, elinokuguqulwa lithi “Kaloku ke” okanye “Ngoku ke.” Basandula kuphonononga imbali yabo yakutsha nje, isikhumbuzo soko uThixo akwenzileyo ukubazisa aphangalo ndlela, okanye “ngoku ke,” kufuneka benze oko uThixo abaxelela ukuba mabakwenze *(bona kanjalo kwiDut. 10:12)* ukusabela.

Yiyo lo nto isenzi sokuqala esibonakalayo emva ko “ngoku ke” ingu-shama’, kwa isenzi esinye (yaye kwimo enye) esisetyenziswe ekuqaleni komthandazo we-*Shema*, kwaye sithetha ukuthi “yiva” okanye “phulaphula” okanye “thobela”-isenzi esiphindaphindiweyo kwiDuteronomi xa iyonke.

Ngoko ke, esi sahluko siqala ngokuthi: Kaloku ke, Sirayeli, ngenxa yoko ndinenzele kona, kufuneka nithobele ezi zinto....

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha, Novemba 6.*

Ize Ningongezi okanye Ninciphise

Funda: kwiDuteronomi 4:1, 2. Sesiphi isilumkiso esitsolileyo awabanika sona uYehova ngokuphathelele "kwimimiselo namasiko" aKhe, kwaye kutheni oku kuyinto abalunyikiswa ngayo zisuka nje? *(bona kanjalo kwiDut. 12:32.)*

_____

_____

UYehova ubaxelela ukuba bathobele "imimiselo namasiko" kwaye bangongezi okanye banciphise kuwo. Kutheni ethetha oko nje? Kakade, kutheni ubani engathanda *ukuguqula umthetho kaThixo nje*?

Kakade, impendulo siyayazi.

"USathana ebezingile engadinwa kumalinge akhe okuqhuba umsebenzi awawuqala ezulwini, wokuguqula umthetho kaThixo. Waphumelela ekwenzeni ihlabathi likholelwe kwimfundiso awayidandalazisa ezulwini ngaphambi kokuwa kwakhe, yokuba umthetho kaThixo uneziphene, yaye udinga ukuqwalaselwa kwakhona. Isixa esikhulu sabazibiza ngebandla lobuKristu, ngemo yabo, ukuba akungamazwi, sibonakalisa phandle ukuba samkele kwalo mposiso inye."—Ellen G. White, *Selected Messages*, Book 2, p. 107.

Xa ucinga ngembali kaSirayeli wamandulo, uphawula ukuba ngeendlela ezininzi, bagaxeleka engxakini, ngenxa yokuba babengayinanzi nje kuphela imimiselo ethile yomthetho, nto leyo ngeenjongo eziphatheka yayikukunciphisa umthetho, kodwa babesongeza kuwo, ngendlela yokuzisa izenzo ezazingakhankanywanga emthethweni kwaye oko, eneneni, ekugqibeleni kwakhokelela ekophuleni umthetho.

Funda: kuMateyu 15:1–9. Siwubona njani apha umzekelo wommiselo, nangona kukwenye imeko, awalumkisa ngawo uMoses abantwana bakaSirayeli?

_____

_____

Xa amaHebhere athi kamva afika kwilizwe ayethenjiswe lona, ayevamise ukungananzi iziyalo ezitsolileyo, umzekelo, ngonqulo-zithixo. Ngenxa yoko, alandela izenzo ezininzi zobuhedeni, ngamanye amaxesha njengenxalenye yoko kuthathwa njengonqulo lwabo kuYahweh. Ngexesha likaYesu, noko kunjalo, babongeze zonke iintlobo zezithethe zabantu ezathi, njengoko uYesu ngokwaKhe watshoyo, "ziwuphangile ke igunya umthetho kaThixo."

Nokuba kungoluphina uhlobo, ukongeza okanye ukunciphisa, umthetho waguqulwa, lwaza uhlanga lathwala imiphumela yoko.

Kungaziphi iindlela ekufuneka silumkele ukongeza okanye ukunciphisa koko uThixo asixelele kona?

UBhahali-pehore

KwiDuteronomi 4:3, 4, abantwana bakaSirayeli bongezelwa isixa esithile sesifundo sembali, ukusebenza njengesikhumbuzo sezolo nazo naziphina iinyaniso zasemoyeni neziphathekayo abanokuzifunda kuso.

Funda: kwiNumeri 25:1–15. Kwenzeka ntoni, yaye zeziphi iinyaniso zasemoyeni neziphathekayo ekwakufanele bezithathile kulo dulubhentsu?

_____

_____

Nokuba asonwabi kangakanani na ngamabali kaSirayeli okutshayela inxalenye yeentlanga ezingabahedeni ezazibarhangqile, le ngxelo ngokuqinisekileyo iyanceda ukucacisa ingqiqo ehamba nomyalelo. USirayeli kwakufuneka abe lingqina kwiintlanga ezibarhangqileyo ezingabahedeni ngoThixo wenyaniso-uThixo ekuphela kwakhe. Kwakufuneka babe ngumzekelo wokubonisa into okuyiyo ukunqula uThixo wokwenene. Endaweni yoko, ngokunamathela kwizithixo zabahedeni ababerhangqwe ngabo, bathi rhoqo ukusoloko besiwa kuvukelo oluphandle Kanye ngakuThixo lo kwakufuneka bembonakalise ehlabathini.

Nangona ibinzana "ukuhenyuza" lusoloko lunentsingiselo yakwamoya, ngelithi uSirayeli walandela izithixo nezenzo zobuhedeni *(bona kuHos. 4:12–14)*, kule imeko ulwimi (nakulo lonke ibali) lubonisa ukuba kwakukho ukona kwezesondo, ubuncinane ekuqaleni. Kwakhona apha, uSathana waxhaphaza imvelo ewileyo yomntu, esebenzisa abafazi babahedeni ukurhwebesha amadoda, awathi ngokuqinisekileyo avul'ikroba ngokunokwawo uba mawahendwe.

Ngaphandle kwamathandabuzo, isenzo sohenyuzo ngokwasemzimbeni sehla saluhenyuzo lasemoyeni, kanjalo. Abantu ababandakanyekayo bathi kamva barhintyeleka kwizenzo zonqulo lobuhedeni nalapho uSirayeli "azibandakanye ke noBhahali-pehore;" oko kukuthi, ngandlel'ithile banamathela kulo thixo wobuxoki de babingelela kuye. Kwinto yonke ababeyifundisiwe nababeyixelelwe, bakulungela ukuyilahla yonke kubushushu bentshisakalo nenkanuko.

Oku kwenzeka njani? Ngokulula. Ngokwenza lukhuni izazela zabo kwisono sokuqala, esi sasenyameni, babevuthelwe ukuwa kwesi samva, esakwamoya, ekufanele ukuba sasingowona mgomo kaSathana. Bawa kakhulu kangangokuba, ngokwendima le, enye indoda yeza nenkazana yomMidiyane kanye enkampini ngokwayo, phambi koMoses, naphambi kwabantu ababelila ngaphandle komnquba.

Iingqondo nemizimba yethu ziqhagamshelene ngokusondeleleneyo. Into echaphazela enye ikwachaphazela nenye. Singafunda ntoni kweli bali ngendlela ekunokuba yingozi ngayo kuthi ngokwasemoyeni ukuzaneza?

_____

_____

Namathelani kuYehova uThixo Wenu

Amawaka ngamawaka afa kwisono sokuzibandakanya noBhahali-pohore. “Bonke abo babemlandela uBhahali-pohore” batshatyalaliswa. Noko kunjalo, uninzi zange lululandele olukreqo. Yayingobani?

“Ke nina nanamathelayo kuYehova uThixo wenu, niphilile nonke namhla” *(Dut. 4:4)***. Le ndima iwucacisa njani umehluko phakathi kwabo bawayo esonweni nabo bangazange bawe? Myalezo mni obalulekileyo osingisele kuthi apha ngokuphathelele kwisono nesihendo namandla kaThixo ebomini bethu?**

_____

_____

Qaphela umahluko phakathi kwegama “nina” kule ndima nakwindima engaphambili. “Bonke” abalandela uBhahali-pohore batshatyalaliswa; kodwa “nina nonke” nanamathelayo kuYehova niphilile. Kwakungekho khwel’ecingweni ngoko, yaye akekho, nangoku. SingakuYesu okanye asikho ngakuye *(Mat. 12:30)*.

Igama lesiHebhere elimele “ukunamathela,” *dbq*, likholisa ukwalatha kukuzinikela okumandla ekunamatheleni kwinto engekho kuwe. Kwa le ngcambu inye yegama lesiHebhere isetyenziswe kwiGenesis 2:24, xa indoda izakushiya usapho lwayo ize “inamathele” kumkayo *(bona kanjalo kuRute 1:14)*. Livele, kule imeko, izihlandlo ezine ngakumbi kwiDuteronomi *(Dut. 10:20, Dut. 11:22, Dut. 13:4, Dut. 30:20)*, yaye kwisihlandlo ngasinye ingcamango iyafana: bona, abantu, kwakufuneka banamathele (batshele) kuThixo wabo. Oko kukuthi, kwakufuneka bezinikele kuYe baze bafumane amandla nokomelela kuYe.

Okubalulekileyo ukuba sikukhumbule kukuba abantu ngokunokwabo bayintloko yesenzi: kufuneka banamathele. Kufuneka bakhethe “ukunamathela” kuYehova, baze ngamandla nokomelela kwaKhe, bakhwebuke ekuweni esonweni.

Funda: kuYuda 24 no-1 Korinte 10:13. Yintoni ethethwa apha kwiTestamente eNtsha ekwafumaneka kwiDuteronomi 13:4?

_____

_____

UThixo uthembekile; uThixo unako ukusigcina singawi. Kodwa kufuneka senze ukhetho olusezingqondweni, njengoko benzayo abathembekileyo kuBhahali-pohore, banamathela kuThixo. Ukuba kunjalo, singaqiniseka ngoko ukuba, nokuba sesiphi isihendo, sinako ukuhla sithembekile.

Izinto ezifana nomthandazo, ukufunda iBhayibhile, unqulo nobudlelane zisinceda njani ekunamatheleni kuYehova?

Ngokuba Luluphi Na Uhlanga Olukhulu?

Okulandela kwezi ndima zimbalwa zilandelayo emva kweDuteronomi 4:4 zezinye zeendima ezinzulu nezimnandi kwisiBhalo xa Sisonke (isiHebhere sinik'umdla). Ubani unokuxoxa ngelithi, eneneni, isigidimi seDuteronomi sifumaneka apha kanye, ize yonke enye into ibe yintyila-lwazi. Xa ufunda ezi ndima, cinga kanjalo, ngeendlela ezohlukeneyo onokusetyenziswa ngayo lo mmiselo kuthi namhlanje.

Funda: kwiDeuteronomy 4:5–9. Kwakutheni ukuze uYehova ngoMoses athethe oko wakuthethayo apha kuSirayeli?

_____

_____

UYehova ufuna abantu baqonde ukuba babiziwe, bonyuliwe, ngenxa yesizathu esisodwa. Baluhlanga "olukhulu," njengoko uThixo wamxelelayo u-Abram kanye ekukhutshweni kumaKaledi ukuba, " 'ndikwenze uhlanga olukhulu' " *(Gen. 12:2; bona kanjalo kwiGen. 18:18)*.

Kodwa injongo yokubenza uhlanga olukhulu yayikukuba babe "yintsikelelo" *(Gen. 12:2)* kuzo "zonke izizwe zehlabathi" *(Gen. 12:3)*. Kwaye nangona eyona ntsikelelo ingundoqo ikukuba uYesu, uMesiya, uzakuphuma kumnombo wabo, kude kube ngoko kwakufuneka babe sisikhanyiso ehlabathini. " ' "Kananjalo ndiyakukwenza isikhanyiso seentlanga, ukuba ube lusindiso lwam, ude uze eziphelweni zehlabathi" ' " *(Isa. 49:6)*. Hayi ngoba usindiso lwalufumaneka kubo, kodwa ngenxa yoba, ngabo, uThixo wenyaniso, enguye kuphela onokusindisa, kwakufuneka etyhiliwe.

USirayeli wayenqula ekhonza uThixo odale elimiweyo, iNkosi yezulu nomhlaba; abahedeni babenqula amawa, amatye, umthi, needemoni *(Dut. 32:17, Ndum. 106:37)*.

Umahluko ocace ngolo hlobo!

Kwezi ndima, uMoses wabalula izinto ezimbini ezenza uSirayeli akhetheke. Okokuqala, uYehova wayekufutshane kubo, njengoko wayenjalo ngendlela eyodwa njengakumnquba, ize okwesibini, ngenxa "yemimiselo namasiko anobulungisa, njengalo myalelo wonke ndiwubekekayo phambi kwenu namhla?"

Funda: kwiDeuteronomy 4:32–35. Yeyiphi enye into awayeyithetha uYehova kubo eyayinokubenza baqonde ubizo olulodwa abanikwe lona?

_____

_____

Akuthandabuzeki, uSirayeli wanikwa lukhulu. Ngoku, bazakusabela njani?

Bubulumko Benu neNgqondo Yenu

UDuteronomi 4:1–9, njengoko sibonilelyo, yayi yinkcazo hayi nje yenqanaba elilodwa lohlanga kodwa yobizo lwalo lokuvangela, kanjalo. as we saw, was a powerful expression of not merely the nation's special status but of its missionary calling, as well. Okutyhutyha zonke ezo ndima yingcamango yokuba kufuneka bathobele, balandele, benze oko uYehova abayalela ukuba mabakwenze.

Funda: kwakhona kwiDuteronomy 4:6. Yintoni ayixelayo ngokutsolileyo uYehova ukuba "bubulumko nengqondo yabo" emehlweni ezo ntlanga?

_____

_____

Xa ukrwaqula nje kunokuba ngathi le mimiselo namasiko zizo ezazi nobulumko nengqondo. Kodwa asiyonto ethethwa yile ndima leyo. UYehova wabafundisa imimiselo namasiko, ewe; kodwa ubulumko nengqondo yabo zaziphuma ekuyigcineni kwabo, ekuyithobeleni kwabo. Intobelo yabo-leyo yayibubulumko nengqondo yabo.

USirayeli ngewaba neyona nkqubo imangalisayo yomthetho nemiyalelo nemiqathango eyakha yabonwa lihlabathi (eneneni, yenzeka) kodwa kwakunokunceda ntoni konke oko ukuba uSirayeli wayengayilandeli? Ndaweni yoko, ubulumko babo, ingqondo yabo, yavela kanye ekubonakaliseni imithetho kaThixo ebomini babo. Kwakufuneka baphile iinyaniso abanike zona uYehova, yaye oko babenokukwenza kuphela ngokuzithobela. Konke ukukhanya nenyaniso zazingazokubanceda bona okanye abahedeni ababangqongileyo ukuba uSirayeli wayengayiphili loo nyaniso. Yiyo lo nto, ngokuthe rhoqo bebizelwa ukuba bathobele, kuba intobelo yabo kwimimiselo namasiko, hayi imimiselo namasiko ngokunokwayo, yayi yeyona nto ibalulekileyo, ekubeni lingqina ehlabathini.

"Intobelo yabo kumthetho kaThixo yayizakubenza babe yimizekelo emihle yempumelelo phambi kweentlanga zehlabathi. Lowo wayenokubanika ubulumko nesakhono kuwo wonke umsebenzi wobugcisa wayezakuqhubekeka engutitshala wabo, yaye wayezakubaphucula abaphakamise ngenxa yokugcina imithetho yaKhe. Ukuba babethobela, babezakukhuselwa kwizifo ezathwaxa ezinye iintlanga baze basikelelwe ngamandla engqondo. Uzuko lukaThixo, ubungangamsha namandla aKhe, kwakufuneka zityhilwe kuyo yonke impumelelo yabo. Babezakuba bubukumkani bababingeleli namatshawe. UThixo wabathwesa ngayo yonke into enokubenza babe lolona hlanga lukhulu ehlabathini."—Ellen G. White, *Christ's Object Isifundos*, p. 288.

Funda kuMatthew 5:13–16. Kwezi ndima, uthini uYesu kuthi nto leyo ebonakalisa into enye noko wakuthetha kuSirayeli wamandulo? Oku, kunokusingisela njani kuthi, njengaBalindi?

Ingcamango Eyongeziweyo: “Kususela kwasekuqalekeni kwemfazwe enkulu ezulwini ibiyinjongo kaSathana ukubhukuqa umthetho kaThixo. Yayikukuphumeza oku okwabangela avukele uMdali, yaye nangona wagxothwayo ezulwini uqhubekekile nalo mfazwe inye emhlabeni. Ukukhohlisa abantu, aze ngalo ndlela abakhokelele ekwaphuleni umthetho kaThixo, yeyona njongo ekudala eyizunguleza. Nokuba oku kuphunyezwa ngokubekela bucala umthetho uphela, okanye ngokubukula omnye wemithetho yawo, iziphumo zisoloko zifana ekugqibeleni. Lowo wona ‘komye,’ ubonakalisa indelelo kuwo wonke umthetho; impembelelo nomzekelo wakhe zikwicala lokwaphula umthetho; ‘unetyala lawo wonke.’ Yakobi 2:10.”—Ellen G. White, *The Great Controversy*, p. 582.

Ngokuphathelele kuBhahali-pehore, u-Ellen White wabhala wathi: “Bangena kumhlaba owalelweyo, baza babanjiswa sisabatha sikaSathana. Bekhohliswe ngumculo nokuxhentsa, baza balukuhlwa bubuhle be… zabahedeni, bayilahla intembeko yabo ngakuYehova. Bathe xa bezibandakanya kulonwano nasekudleni, ukuzintyintya ngewayini kwafiphalisa iingqondo zabo kwaqhawula nemiqobo yokuzeyisa. Intshisakalo yalawula ngokupheleleyo; baza bezidyobhile izazela zabo ngoburheletyo, baqhutyelwa ekuqubudeni kwizithixo. Babingelela amadini kwizibingelelo zobuhedeni baza bazibandakanya kwezona nkqubo zihlazisayo. .”—Ellen G. White, *Patriarchs and Prophets*, p. 454.

Imibuzo Yokuxoxwa:

❶ Cinga ngeendlela esithe ngazo thina Balindi sakwindawo awayekuyo uSirayeli wamandulo. Cinga ngako konke esikunikiweyo ngokwahlukileyo kwihlabathi elisingqongileyo kwaye, ewe, nkqu nangokwahlukileyo kwezinye iimvaba. Umbuzo oza kuthi, ngoko, ngulo: Sisabela njani koko sikunikiweyo? Sibubonakalisa kakuhle njani “ubulumko nengqondo” yethu phambi kwehlabathi?

❷ “Ke nina nanamathelayo kuYehova uThixo wenu, niphilile nonke namhla.” Kwakhona, intloko yesenzi “nanamathelayo” ngabantu. UYehova akanakunamathela kuthi kwanjengoba engenakusinyanzelela kuYe. Endaweni yoko, sisebenzisa isipho esingcwele sentando ekhululekileyo, kufuneka sikhethe ukunamathela kuYe. Xa sithe senza olo khetho, silandela njani size sinamathele kuYe?

❸ Gxila ngakumbi kumbuzo osekupheleni kwesifundo sangeCawa. Kuthetha ukuthini ukongeza okanye ukunciphisa kwimiyalelo kaThixo? Ngaphandle kwezi siziqhelileyo, ezifana nokulinga ukuguqula iSabatha, into enjalo inokwenzeka njani ngokufihlakeleyo ngolo hlobo de singakuqondi okwenzekayo?